Isalathiso: 20200706-6815
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0006/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beProgram zePhondo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: ISaveyi ka-2020 yaqho ngoNyaka yezikolo zikarhulumente nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo

1. ISaveyi yaqho ngoNyaka ka-2020 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (yeSebe i*WCED*) yezikolo zikarhulumente nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezizimeleyo iya kuqhutywa **nge-03 Septemba 2020**. Kuya kufuneka iinqununu zikusayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi neyootitshala kwisistim i-*CEMIS*. Umhla osikiweyo kuBaphathi beProgram yePhondo nakumagosa oLawulo nokuPhathwa kwamaZiko wokusayinela iSaveyi yaqho ngoNyaka ngowe-**14 Septemba 2020**.

2. Phambi kokusayinelwa kwesaveyi kwisistim i-*CEMIS*, inqununu okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya makaqinisekise ukuba le ngcaciso ilandelayo iboniswa ngokuchanekileyo kwisistim i-*CEMIS*.

2.1 Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo ngo-2020 bakumabakala achanekileyo, kwiiklasi nakudidi lolwimi lokufunda nokufundisa.

2.2 Kugqityiwe ukukhutshelwa kwabafundi (abamkelwayo nabakhutshwayo esikolweni).

2.3 Utshintsho ngokwamabakala lwenziwe lwagqitywa.

2.4 Zichanekile iinkcukacha ezingokukhubazeka kwabafundi.

3. Inqununu mayiqinisekise kwakhona ukuba ilisti yootitshala abakwisistim i-*CEMIS* ihlaziywe iinkcukacha zayo yangqinisiswa kwangokunye neminyaka yamava,

amabakala nezifundo ebezifundiswa ngo-2020 (mazisuswe iinkcukacha zamabakala nezezifundo ebezifundiswa kwiminyaka edlulileyo ukuba azifanele kubakho kumthwalo katitshala ka-2020).

4. Ukuncedisa ekungqinisisweni kwedatha yabafundi nootitshala, kukho iingxelo ngeemposiso eziliqela ezifumanekayo ukukhokela kumba wokuchaneka kwedatha ekhoyo efakwe kwisistim i-*CEMIS*. Kucelwa kuqinisekiswe ukuba zonke iimposiso, njengoko zibonisiwe zezi ngxelo, zisonjululwa kwangaphambi kokusayinelwa kwazo.

5. Icandelo lokusayinelwa kweesaveyi malizaliswe njengenyathelo lokuvunywa kokungqinisiswa kwedatha njengebonisa ngokuchanekileyo amanani obhaliso lwabafundi nenani lootitshala ngowe-**03 Septemba 2020**.

6. Izikolo ezikwizibhedlela kuya kufuneka zizalise ikopi eliphepha yesaveyi yaye ziyingenise kuMnu Chasfred Ahrends, kumGangatho we-18, kwiSakhiwo iGolden Acre, eKapa. Le saveyi iya kunikwa izikolo ngqo.

7. Inqununu, njengegosa leziko elijongene nesistim i-*Education Management Information System* (*EMIS*), mayilawule iinkqubo zokufaka idatha ekhompyutheni ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokuqinisekisa neesignitsha zabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya okutshekisha idatha bunganikwa xa bucelwa ngabaphicothi-zincwadi. Mayirekhodwe inkqubo yomsebenzi wokufaka idatha ye-*EMIS* ukuqinisekisa ukuphendula malunga nokuchaneka kwedatha, njengoko iinkcukacha ezo kufuneka kwenziwe uphicotho-zincwadi kuzo. Kucelwa ufunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso 0003/2012, yowe-10 Agasti 2012, ukufumana ingcaciso engaphezulu. Kukhunjuzwa iinqununu kwakhona ukuba ukususela ngo-2014, ukuchaneka kwedatha yesistim i-*CEMIS* ngumqathango ophambili ekuya kuxhomekeka kuwo ukufumana kwezikolo intlawulo yesabelo-mali yesibini ngokwemimiselo nemigangatho yokuxhaswa ngemali (iSetyhula 0044/2013, yowe-29 Oktobha 2013).

8. Kunyanzelekile ukuba kusetyenziswe inombolo yesazisi kazwelonke (*ID*) ngabo bonke abafundi kuzo zonke iisistim zasekhompyutheni zezolawulo nokuphathwa kwezikolo. Iyafumaneka ingxelo yesistim i-*CEMIS* ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo ze-*ID* nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo ze-*ID* ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo ye-*ID* esemthethweni, MAYINGAFAKWA inombolo ye-*ID* engekho semthethweni. Kucelwa kwaziswe abazali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* kwiSebe leMicimbi yaseKhaya (*Department of Home Affairs*) (*DHA*). Kucelwa iinqununu zibancedise abazali, apho kunako, ukuququzelela inkqubo yeSebe i-*DHA*.

9. ISebe i*WCED* liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo nomgangatho wedatha yawo onke amaxwebhu angenisiweyo eSaveyi yaqho ngoNyaka yaye liya kunika ingxelo ngazo naziphi na izenzo zokungathotyelwa kwayo, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha kwiNtloko yeSebe leMfundo.

10. Ziyakhunjuzwa izikolo ezizimeleyo ukuba mazibe nolwazi ngemiqathango yazo yobhaliso. Kucelwa uqaphele ukuba ukulandela mbo ezi mfuno zingummiselo zedatha zeSebe i*WCED* kuyinxenye yale miqathango, yaye ukungathotyelwa kwale nkqubo kungakhokelela ekubeni umfundi akhutshwe ezincwadini zobhaliso *(deregistration)*.

11. Ukuba kungavela naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, kucelwa ukuba niqhagamshelane nentloko yokunika inkxaso kubafundi kwisithili okanye negosa lesistim yengcaciso elichaphazelekayo apha ngezantsi:

ABaphathi beeProgram zePhondo beZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa:

IZIKOLO/AMAZIKO	UMPHATHI WEPROGRAM	INOMBOLO YEFONI.	I-IMEYILI
AmaZiko okuKhathalela uLutsha, aBangaboniyo, iZikolo zaseZibhedlela	Chasfred Ahrends	021 467 2426	Chasfred.Ahrends@westerncape.gov.za
EzaBanokhubazeko ngokwaseNgqondweni oluGqithisileyo	Dheena Achary	021 467 2122	Dheena.Achary@westerncape.gov.za
EzaBanokhubazeko lokuFunda oluThile, aBanokhubazeko ngokwaseMzimbeni, AbanoKhubazeko i-*Cerebral Palsy*	Michael Heine	021 467 9288	Michael.Heine@westerncape.gov.za
EzaBanoKhubazeko i-*Autism*/aBangevayo	Minna Steyn	021 467 2223	Minna.Steyn@westerncape.gov.za
IZikolo zeZakhono	Rhoda Manuel	021 467 2227	Rhoda.Manuel@westerncape.gov.za

AmaGosa oCwangciso loLawulo nokuPhathwa kwamaZiko eZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa eziZimeleyo

IGOSA EKUQHAGAMSHELWANA NALO	INOMBOLO YEFONI	I-IMEYILI
Nazli Domingo-Salie	021 467 2235	Nazli.Domingo-Salie@westerncape.gov.za
Jerry Mofoka	021 467 2050	Jerry.Mofoka@westerncape.gov.za
Wayne Blauw	021 467 2557	Wayne.Blauw@westerncape.gov.za
William Jantjies	021 467 2748	William.Jantjies@westerncape.gov.za

AmaGosa eSistim yeNgcaciso

ISITHILI	IGOSA LOLAWULO LWESISTIM I-*CEMIS* LESITHILI	INOMBOLO YEFONI	I-IMEYILI
Metro North	Masixole Stofile Zintle Notununu	021 938 3052 021 938 3101	masixole.stofile@westerncape.gov.za zintle.notununu@westerncape.gov.za
Metro Central	Anita McGrath Tercia Southgate	021 514 6751 021 514 6737	anita.mcgrath@westerncape.gov.za tercia.southgate@westerncape.gov.za
Metro South	Anastasia Rose Sive Jara	021 370 2120 021 370 2106	anastasia.rose@westerncape.gov.za sive.jara@westerncape.gov.za
Metro East	Buseka Ndinisa Thembeka Dlamini	021 900 7053 021 900 7011	buseka.ndinisa@westerncape.gov.za thembeka.dlamini@westerncape.gov.za
West Coast	Mervan Davids	021 860 1596	mervan.davids@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Kevin van Eeden Shamiel Abrahams	023 348 0635 023 348 0655	kevin.vaneeden@westerncape.gov.za shamiel.abrahams@westerncape.gov.za
Overberg	Suzanne Braaf	028 214 7411	suzanne.braaf@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Romelda Booysen Keith Zibi	044 803 8367 044 803 8346	romelda.booysen@westerncape.gov.za keith.zibi@westerncape.gov.za

12. ISebe i*WCED* lilithakazelela kakhulu igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa emfundo yaye lijonge phambili kwintsebenziswano nani eqhubelekayo ngo-2020.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-08-25